URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Alison February**
ICandelo eliyiNtloko loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi
Alison.February@westerncape.gov.za | 021 467 2683

Inombolo yefayili: 3/3/1/1/3
Isalathiso: 20250314-1703

ISetyhula: 0015/2025
Umhla wokuphelelwa: 30 Novemba 2025

Iya: KumaSekela Balawuli Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, nakwiiNqununu

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula inika isikhokelo sezemali seSigaba V se-Basic Education Employment Initiative (BEEI).*

**ISihloko: Isikhokelo sezemali se-*Basic Education Employment Initiative (BEEI)* – ISigaba V**

1. I-*Presidential Youth Employment Initiative* iphunyezwa njengephulo le-*Basic Education Employment Initiative (BEEI)*.

2. **Imodeli yenkxaso-mali yeSigaba V**

2.1 **Imodeli yenkxaso-mali yeSigaba V yahlukile kwizigaba zangaphambili. Iprojekthi ngoku iya kuxhaswa ngemali yi-*Unemployment Insurance Fund (UIF)* noNondyebo kaZwelonke *(National Treasury)* ngokulandelelanayo.**

2.2 **Inkqubo yenkxaso-mali ye-*UIF***

I-*Industrial Development Corporation (IDC)* iya kulawula inkxaso-mali **yamathuba engqesho ayi-14 959** avela kwinkxaso-mali ye-*UIF*. Isixa esiyi-R80,00 siya kutsalwa kwistayiphendi ekungekatsalwa nto (*gross stipend*) kuso njengentlawulo ye-*UIF* (ekubhekiswa kuyo kumhlathi 5.3). Izitayiphendi eziyimali eseleyo kwakutsalwa kuzo *(net stipends*), ziya kuhlawulwa ngoomatshini ngqo kwii-akhawunti zebhanki zabancedisi qho ngenyanga. **Izikolo aziyi kuthatha nxaxheba kwipeyiroli ukwenzela aba bancedisi.**

2.3 **Inkqubo yenkxaso-mali kaNondyebo kaZwelonke**

**Ngamathuba omsebenzi ayi-4 370** ewonke aya kuxhaswa ngemali kusetyenziswa i-*Provincial Equitable Share* nekubhekiswa kuwo kumhlathi 3 no-5.3. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) liya kwenza iintlawulo ezenziwa ngoomatshini qho ngenyanga ukwenzela aba bancedisi kwizikolo ezithatha inxaxheba. Iinkxaso-mali ziya kufumaneka kwii-akhawunti zebhanki zezikolo phambi kosuku lokugqibela lenyanga yekhalenda nganye. Izikolo zenza umsebenzi wokulawula i-*IUF* nokuqinisekisa ukuba izitayiphendi nezibonelelo zedatha (*data allowances*) zihlawulwa ngqo kwii-akhawunti zebhanki zabancedisi .

3. **Izitayiphendi ezihlawulwayo neentlawulo ze-*UIF***

3.1 Isitayiphendi emasihlawulwe kubo bonke abancedisi bezemfundo nabancedisi bezikolo jikelele kwiSigaba V se-*BEEI,* siya kuba yi-**R4 000,00**, ngenyanga **nesiqala ukususela ngowe-01 Juni 2025 yaye siphele ngowe-30 Novemba 2025**. Esi sixa-mali siquka intlawulo ye-*UIF* yomqeshi, iprojekthi iya kubonelela ngentlawulo eligalelo lomqeshi (*employer contribution*) ye-1% (R40,00).

3.2 Ukongeza apho, intlawulo ye-*UIF* yomqeshwa ye-1% (R40,00), iya kongezwa, yaye oko kuya kuyenza iyonke intlawulo ye-*UIF* ibe yi-2% (R80,00). Esi sixa-mali sisonke se-R80,00 siya kuba yinxalenye yeentlawulo ezenziwa ngoomatshini eziya ezikolweni.

4. **Ukucazululwa kwesitayiphendi saqho ngenyanga**

| | |
|---|---|
| Isitayiphendi ekungekaxhuzulwa nto kuso (siquka i-1% eyintlawulo ye-*UIF* yomqeshwa) | R4 000,00 |
| + Intlawulo ye-*UIF* yomqeshi (i-1% yesitayiphendi) | R40,00 |
| **Isixa-mali esihlawulwayo sisonke qho ngenyanga (esiya kwisikolo)** | **R4 040,00** |

5. **Iimfuno ezimiselweyo ze-*Unemployment Insurance Fund (UIF)***

5.1 Izikolo kufuneka ngokomthetho ukuba zibhalise kwi-*UIF* yaye zenze iintlawulo kwingxowa-mali ukwenzela abancedisi abaqeshwe sisikolo. Izikolo zingalandela le linki ilandelayo ukuba kufuneka uncedo malunga nendlela yokubhalisa kwi-*UIF* http://www.labour.gov.za/uif_how_toregister-with-the-uif

5.2 UMthetho i-*Unemployment Insurance Act,* 2001 (*Act 63 of 2001)* noMthetho i-*Unemployment Insurance Contributions Act, 2002 (Act 4 of 2002*), isebenza kubo bonke abancedisi abaqeshwe zizikolo. Abancedisi MABAHLAWULE isixa sentlawulo se-*UIF* se-1% sexabiso lesitayiphendi sabo qho ngenyanga. **Isikolo nomncedisi ngamnye**

**banegalelo lentlawulo ye-1%.** Isikolo (njengomqeshi) sinoxanduva lokuhlawula i-1% esiyitsalayo kubancedisi (isahlulo somqeshwa) kunye ne-1% njengoko ibonelelwa ngenkxaso-mali yeprojekthi (njengenxalenye yentlawulo eyenziwa ngoomatshini) yesahlulo somqeshi, kwi-*UIF* **phambi komhla wesi-7 wenyanga nganye.**

5.3 **Ukucazululwa kwesitayiphendi nentlawulo ye-*UIF***

| | |
|---|---|
| Isitayiphendi ekungekaxhuzulwa nto kuso (siquka i-1% yentlawulo ye-*UIF* yomqeshwa) | R4 000,00 |
| Isibonelelo sedatha | R30,00 |
| + Intlawulo ye-*UIF* yomqeshi | R40,00 |
| **=Iindleko zizonke zaqho ngenyanga (kuqukwa nedatha ne-*UIF*)** | **R4 070,00** |

| | | |
|---|---|---|
| -2% etsalelwa i-*UIF*<br><br>(1% intlawulo **yomqeshi** (R40,00) + 1% intlawulo **yomqeshwa** (R40,00)) | - R80,00 | Esihlawulwa qho kwi-*UIF* ngenyanga |
| **=Isitayiphendi esifunyanwayo esele kuxhuzulwe kuso esihlawulwa kumncedisi (kuqukwa nesibonelelo sedatha)** | **R3 990,00** | |

6 **Ishedyuli yeentlawulo**

6.1 Ishedyuli ecetywayo yeentlawulo ezenziwa ngoomatshini yile ilandelayo

| Intlawulo eyenziwa ngoomatshini | Umhla wentlawulo yeSebe i*WCED* | Iinkxaso-mali kwii-akhawunti zezikolo nokwenziwa kwentlawulo zizikolo |
|---|---|---|
| Isitayiphendi sangoJuni 2025 | 20 Juni 2025 | 25 Juni 2025 |
| Isitayiphendi sangoJulayi 2025 | 25 Julayi 2025 | 30 Julayi 2025 |
| Isitayiphendi sango-Agasti 2025 | 22 Agasti 2025 | 27 Agasti 2025 |
| Isitayiphendi sangoSeptemba 2025 | 25 Septemba 2025 | 30 Septemba 2025 |
| Isitayiphendi sango-Oktobha 2025 | 24 Oktobha 2025 | 29 Oktobha 2025 |
| Isitayiphendi sangoNovemba 2025 | 21 Novemba 2025 | 26 Novemba 2025 |

6.2 Kucelwa niqaphele ukuba le mihla yeentlawulo ingentla isenokutshintshwa ngokuxhomekeke —
- (a) kwishedyuli evela kuNondyebo wePhondo *(Provincial Treasury);* kunye
- (b) nakumhla wokwenziwa kwentlawulo olawulwa yi-*IDC* ukwenzela iintlawulo ezenziwa ngqo kwii-akhawunti zebhanki zabancedisi ukulungiselela ukulungelelanisa imihla yeentlawulo nokuqinisekisa ukuba bonke abancedisi bahlawulwa kwangolo suku lufanayo.

6.3 Isikhokelo esimalunga nokulawulwa kweepeyiroli zabancedisi zizikolo siya kunikwa izikolo yi-*IDC*.

7. **Isitayiphendi saqho ngenyanga nesibonelelo sedatha – ISigaba V**

7.1 Umncedisi ngamnye uya kufumana isitayiphendi esele kuxhuzulwe kuso esiyi-R 3 960,00 qho ngenyanga. Ukongeza apho isibonelelo sedatha se-R30,00 siya kubonelelwa ithuba leenyanga ezintandathu (ukususela ngoJuni kude kube ngoNovemba 2025). Injongo yesi sibonelelo kukuba abancedisi babenako ukufikelela kumaqonga *(platforms)* oqeqesho nokuba bazigqibe iimvavanyo emva kweyure zesikolo.

7.2 **<u>Okubalulekileyo:</u>** Isibonelelo sedatha masihlawulwe kunye nesitayiphendi saqho ngenyanga ukuqinisekisa ukufikelela kwabo kumaqonga oqeqesho *(training platforms)* nezibonelelo kwangexesha, njengoko kucacisiwe kumhlathi 5.3.

7.3 Abancedisi baya kubanelungelo lesibonelelo sedatha sakanye qwaba kuphela ngenyanga.

7.4 Abancedisi mabakuvume ukuzifumana naziphi na izibonelelo ezikhethekileyo. Iikhontrolishithi (*control sheets*) ezilolu hlobo maziyixele ngokucacileyo injongo yesibonelelo esikhethekileyo, iinkcukacha zomncedisi ngamnye (igama, ifani, inombolo

yesazisi (ID)/yepasipothi), zalowo kuhlawulwe kuye isibonelelo kunye nesignitsha njengobungqina bokuvuma ukufunyanwa kwesibonelelo. Inqununu mayikusayinele oko kwikhontrolishithi njengobungqina bokugqibela besigunyaziso sokuba zenziwe iintlawulo zabancedisi.

8. **Iintlawulo ii-*Pro rata stipend payments***

8.1 Makuqatshelwe ukuba nawuphi na umncedisi oqala enyangeni okanye olahlayo emsebenzini ngethuba lenyanga kuphela, ukufanele ukufumana isitayiphendi esingumlinganiselo welo thuba alisebenzileyo *(pro-rate stipend payment)*. I-ofisi yeprojekthi yeSebe iWCED, iya kuphonononga idatha yokuqeshwa nokulahla emsebenzini kwabancedisi njengoko ifakwa qho ngenyanga kwi-*Finance and Personnel Management System*. Kubalulekile ukuba izikolo zifake imihla yokuqeshwa nokulahla emsebenzini kwabancedisi **ngokuchanekileyo nangexesha**. Iinkqubo zeentlawulo zesitayiphendi zezikolo zisuselwa ngokumandla kumhla wokuqeshwa nokulahla emsebenzini njengoko ufakiwe kwikhompyutha zizikolo kwi-*Finance and Personnel Management System*.

8.2 Zonke iintlawulo ii-*pro rata stipend payments* ezingumlinganiselo welo thuba umqeshwa alisebenzileyo zihlawulelwa **iintsuku zekhalenda** yaye ingezizo iintsuku zesikolo. Umzekelo ngulo: umncedisi olahlayo enkonzweni enyangeni, uya kufumana intlawulo engumlinganiselo welo thuba alisebenzileyo ngeentsuku zekhalenda azisebenzileyo ngenyanga yokulahla emsebenzini. Umncedisi onemvumelwano eqala ngoMvulo umhla we-09 Juni 2025, uya kufumana intlawulo yethuba alisebenzileyo ngo Juni **yeentsuku zekhalenda** eziyi-22 (09 ukuya kwi-30 Juni 2025).

8.3 Iintlawulo zesitayiphendi ii-*Pro-rata stipend payments* kubancedisi masicazululwe ngolu hlobo lulandelayo:

| Qho ngenyanga | Qho ngosuku | Inkcazo |
|---|---|---|
| R3960,00 | R130,20 | Isitayipendi esihlawulwa kumncedisi (isixa sentlawulo ye-UIF esele kuxhuzulwe kuso) |
| - R40,00 | - R1,31 | Intlawulo ye-*UIF* yoMqeshwa (esixhuzulwe kwisitayiphendi somncedisi ) |
| - R40,00 | - R1,31 | Intlawulo ye-*UIF* yoMqeshi njengoko ihlawulwe ngoomatshini eya esikolweni |
| **= R4040,00/ngenyanga** | **= R132,82** | **Isixa-mali sisonke esihlawulwa ngoomatshini esiya esikolweni** |

8.4 Izikolo mazenze amalungiselelo ayimfuneko ukutsala iimali eziyimfuneko zeentlawulo ezingumlinganiselo welo thuba lisetyenziweyo (ezimiselwe kumhlathi 8.3) ukulungiselela nakuphi na **ukungabikho** kwabancedisi okurekhodiweyo esikolweni (o.k.t. ikhefu elingahlawulelwayo), ezingqinelaniswe neemeko zenkonzo yengqesho njengoko zimiselwe kwimvumelwano yezengqesho. Nayiphi na intlawulo engaphezu kwemfuneko (*over-payments*) okanye iimali ezigcinwe sisikolo, zimele ukubuyiselwa kwiSebe *iWCED* zingadlulanga iintsuku ezisixhenxe emva kwempelanyanga nganye. Kucelwa kuthunyelwe nge-imeyili ubungqina bentlawulo ezilolu hlobo kumququzeleli kwisithili we-*BEEI* ochaphazelekayo.

8.5 Iinkcukacha zokubhankisha zezi ntlawulo zibuyiswayo zezi zilandelayo:
*Account name: Western Cape Education Department*
*Bank: Nedbank*
*Branch code: 19 87 65*
*Account number: 1452 045 089*
*Account type: Current*
***Payment reference : "school EMIS no." BEEI V*** *(Example: 100000400 BEEI V)*

9 Kukhunjuzwa izikolo kwakhona ukuba zizigcine zonke iirekhodi zezemali eziyimfuneko ukulungiselela iinjongo zokuphicothwa kweencwadi.

10. Iya kupapashelwa zonke izikolo imbalelwano engaphezulu emalunga nezemali njengoko kuyimfuneko, neya kunika ingcaciso neengcebiso ngalo lonke ithuba lokuqhutywa kweprojekthi.

11. Uxwebhu i-*Memorandum of Understanding for Phase V* (**Annexure A**), luya kuhanjiswa kuzo zonke izikolo ezithatha inxaxheba, nolucacisa imvumelwano ekungenwe kuyo phakathi kweSebe i*WCED* nesikolo ngasinye. Uxwebhu i-*Memorandum of Understanding for Phase V* malusayinwe sisikolo, yaye malubuyiselwe kwi-ofisi yesithili ungadlulanga owe-**15 Meyi 2025** ukwenzela ukuba kuvunywe ukukhutshwa nokusiwa kuso nasiphi na isikolo kwenkxaso-mali ukulungiselela i-*BEEI Phase V*.

12. ISebe *iWCED* linqwenela ukunibulela kwakhona ngomsebenzi wenu onzima nangenkxaso yenu ukususela ekuqalisweni kwale projekthi ye-*BEEI* yaye lithembisa ngokuzibophelela ngokuqhubekekayo ukusebenzisana nezikolo ezithatha inxaxheba ukuqinisekisa ukuba yimpumelelo kweSigaba V.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**IBAMBELE NTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2025-04-23